Isalathiso: 20201015-8812
Inombolo yefayili: 3/3/2/4/3
Imibuzo: IZiko leeFoni

ISetyhula: 0035/2020
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2020

Iya: KumaSekela Balawuli Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe nakwiiNqununu

Isishwankathelo esifutshane: *Ukusetyenziswa kweentsuku zekhefu lonyaka ka-2019 ezingasetyenziswanga ngenxa yokungahlawulwa kweentsuku zekhefu lonyaka ezingasetyenziswanga.*

Isihloko: **Ukusetyenziswa kweentsuku zekhefu lonyaka ka-2019 ezingasetyenziswanga ngenxa yokungahlawulwa kweentsuku zekhefu lonyaka ezingasetyenziswanga.**

1. ISetyhula 30/2020 yeSebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo (ISebe i-*DPSA)*, yomhla we-03 Agasti 2020, neSetyhula 00021/2020 yeSebe leMfundo leNtshona Koloni yomhla we-04 Agasti 2020 zimalunga noku.

2. Njengamalungiselelo **ethuba elinye qwaba,** iSebe i-*DPSA* likuvumile ukuba umhla wokugqibela wokusetyenziswa kweentsuku zekhefu lonyaka ezingasetyenziswanga zango-2019 wandiswe ukuya kwi-31 Disemba 2020.

3. Mabakhuthazwe abaqeshwa ke ngoko ukuba bathathe iintsuku zabo zekhefu lonyaka eziseleyo zika-2019 ungadlulanga owe-31 Disemba 2020. Apho kunokwenzeka ukuba ungathotyelwa lo mqathango, zonke iintsuku zekhefu eziseleyo ezingasetyenziswanga zomjikelo wekhefu lonyaka ka-2019, kuya kuphulukwana nazo.

4. Izicelo zekhefu zimele ukungeniswa kwiCandelo laMalungelo aVela kwiNkonzo kwaNdlunkulu ungadlulanga owe-15 Disemba 2020.

5. Kucelwa iinqununu nabaphathi ukuba baqinisekise ukuba ngaba abaqeshwa babo banazo na iintsuku zekhefu lonyaka ka-2019 ezikhoyo ngokuqhagamshelana noSekela-Mlawuli ochaphazelekayo kwiCandelo laMalungelo aVela kwiNkonzo.

6. Kucelwa wazise okuqulethwe yile setyhula kubo bonke abaqeshwa abachaphazelekayo ukuze bakuthathela ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-10-27